NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2024

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II**
**ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**
**MARKING GUIDELINES**

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

---

**These marking guidelines are prepared for use by examiners and sub-examiners, all of whom are required to attend a standardisation meeting to ensure that the guidelines are consistently interpreted and applied in the marking of candidates' scripts.**

**The IEB will not enter into any discussions or correspondence about any marking guidelines. It is acknowledged that there may be different views about some matters of emphasis or detail in the guidelines. It is also recognised that, without the benefit of attendance at a standardisation meeting, there may be different interpretations of the application of the marking guidelines.**

---

IEB Copyright © 2024

## ICANDELO A UNCWADI

## INOVELI: *Tata Sikuxolele!* – Thembisile Nkundlwana

### UMBUZO 1 UMHLATHI NGABALINGANISWA

1.1
1.1.1 NguSilinda noSinekusasa.
1.1.2 Sesokuxhatshazwa/ukuphatheka kakubi apho bahlala khona.
1.1.3 WayeseMonti.
1.1.4 KwaKhwalo.
1.1.5 NguPhendla noSandile.
1.1.6 Ngummelwane kaKhohlela.
1.1.7 Kukunceda amawele.
1.1.8 UKhohlela wayesithi akahoywanga engazange ahlawulwe ngutata wamawele, wayeka ukufunda walibala ziziyolo zomhlaba kwela Monti.
1.1.9 ULungiswa wasuka wamithiswa ngutata wamawele ze akamhlawula.
1.1.10 Kufuneka kudityenwe noNontlalo-ntle.

1.2
1.2.1 eMonti
1.2.2 nqwelo-moya
1.2.3 tikiti
1.2.4 O.R. Tambo
1.2.5 MaMthembu
1.2.6 Monti

### UMBUZO 2

2.1 Ngentsimbi yesibhozo ebusuku./Ebusuku.

2.2 Wawanqandela wathi awayi ndawo.

2.3
- UNobenani wabanomsindo, uKhohlela wangenelela engxolisa uSiviwe.
- USiviwe wabaxelela ukuba amawele ngabantu nawo kwaye azakuhlala nabo babukele bonke umabonakude.
- USiviwe waxelela abazali bakhe ukuba amawele ayahamba naye uzakuhamba.
- UKhohlela wacaphuka wathi ukuba uzithathile impahla zakhe waphuma aze angaphindi abuye.
- Ukuba uSiviwe wabaxelela ukuba soze alahlekelwe nto xa ethe wemka akabuyela kweli khaya.

IEB Copyright © 2024

- USiviwe wabaxelela ukuba akukho nto banayo ngaphandle kweza nkomo banazo.
- Ukuba uKhohlela wasondela kuSiviwe esithi makangabathuki makaphume aphele.
- Ukuba uNobenani wamnqanda uKhohlela esithi makayekwe uSiviwe.

**[Umfundi ufumana amanqaku amathandathu (6) kumanqaku alishumi (10) kulawo abhalwe ngasentla].**

2.4 A – Unomqolo

2.5 Amawele othuka/amangaliswa baphelelwa nalithemba kumalume wabo.

**UMBUZO 3**

- UMnumzana uFumbatha wamkela uSiviwe ambonise isitulo sokuhlala encumile.
- UMnumzana uFumbatha ubuza uSiviwe ukuba ngubani igama likamama wakhe.
- USiviwe uphendula athi nguNobenani.
- USiviwe uphendula athi nguKhohlela.
- UMnumzana uFumbatha uxelela uSiviwe ukuba ungutata wakhe.
- USiviwe ucela uMnumzana uFumbatha ukuba acacise intetho yakhe.
- UMnumzana uFumbatha uxelela uSiviwe ukuba wadibana noNobenani eBhayi baza bathandana.
- UMnumzana uFumbatha uxelela uSiviwe ukuba uNobenani waye wamitha.
- UMnumzana uFumbatha uxelela uSiviwe ukuba wayeneenjongo zokumtshata uNobenani kodwa zange kuphumelele oku kuba uNobenani wamala.
- UMnumzana uFumbatha uxelela uSiviwe ukuba uNobenani wayethe phithi nguKhohlela.
- UMnumzana uFumbatha uxelela uSiviwe ukuba uKhohlela wayemlalela ezikoneni esithi makaphume aphele kwelo Bhayi kwaye engasoze amkhulise uSiviwe.
- USiviwe uxelela uMnumzana uFumbatha ukuba zibuhlungu ezi ndaba amxelela zona.
- USiviwe uxelela uMnumzana uFumbatha ukuba naye ebesoloko efuna yintoni eyayisenza ukuba angavani noKhohlela.
- UMnumzana uFumbatha uxelela uSiviwe ukuba uyavuya ukuba bephinde babonana.
- Umnumzana uFumbatha uxelela uSiviwe ukuba ungumlawuli weli sebe kwaye uSiviwe uwufumene umsebenzi awufundele kwaye uphume phambili nakudliwano-ndlebe.

**Amanqaku aya kwabiwa ngolu hlobo:**

| |
|---|
| Isakhiwo = 3 + 2 = Ulwimi |
| Umfundi ufumana inqaku elinye kumanqaku alishumi elinesixhenxe (17) kulawo abhalwe ngasentla |

IEB Copyright © 2024

## UMBUZO 4

- USilinda ufonela uSinekusasa ambuze ngeemviwo zakhe.
- USinekusasa uphendula ehleka ebuza uSilinda ukuba uyalwazi na utshintsho.
- USilinda ubuza uSinekusasa emangalisiwe ngotshintsho athetha ngalo.
- USilinda ubuza uSinekusasa ukuba usesesikolweni na.
- USinekusasa uyavuma ukuba useseMedunsa.
- USinekusasa ucacisela uSilinda ngotshintsho lwakhe esithi akafuni ukuhlala iminyaka esixhenxe efundaekubeni usisi wakhe uSilinda ezakufunda iminyaka emine kuphela.
- USilinda uqinisekisa uSinekusasa ukuba uzakufunda iminyaka enganeno kunesixhenxe.
- USilinda ubuza uSinekusasa ukuba zeziphi izifundo ezizakwenza ukuba afunde iminyaka enganeno kunaleyo ebeza kuyifunda.
- USinekusasa ucacisa kwakhona athi uzakugqiba emva kweminyaka emihlanu.
- USilinda ubuza uSinekusasa ukuba uzakugqiba njani ingaphelanga iminyaka esixhenxe.
- USinekusasa uxelela uSilinda ukuba ubhalisele ukuba ngugqirha wamazinyo.
- USilinda ubuza uSinekusasa ukuba uziqale nini izifundo zobugqirha wamazinyo.
- USinekusasa uxelela uSilinda ukuba ezi zifundo uziqale kwasekufikeni kwakhe eMedunsa.
- USinekusasa uxelela uSilinda ukuba iimviwo azibhalileyo zezecandelo lobugqirha wamazinyo.
- USilinda uxelela uSinekusasa ukuba uyaluvuyela utshintsho azikhethele lona ekwamyalela ukuba azise uNkosikazi Jali nomama uMamThembu.

### Amanqaku aya kwabiwa ngolu hlobo:

| |
|---|
| Isakhiwo = 3 + 2 = Ulwimi |
| Umfundi ufumana inqaku elinye kumanqaku alishumi elinesixhenxe (17) kulawo abhalwe ngasentla |

## UMBUZO 5

Nazi iingongoma anganyathela/ezingavela kwisincoko somfundi.

### Intlalo yolu sapho

- Ukuba uNobenani noKhohlela babenabantwana ababini uSiviwe noLuyanda.
- Ukuba uKhohlela wayekhulisa nabantwana bakasisi wakhe uLungiswa, USilinda noSinekusasa.
- Ukuba uKhohlela noNobenani babengabakhulisi ngendlela efanayo aba bantwana.
- Ukuba uSiviwe noLuyanda babesiya esikolweni ukanti uSilinda noSinekusasa babengayi esikolweni.
- Ukuba aba bantwana babesetyenziswa nzima, besalusa iinkomo.
- Ukuba aba bantwana babengakuphiwa ukutya.
- Ukuba aba bantwana babelala endlini yeenkukhu.
- Ukuba igumbi labo belingenambane.
- Ukuba bebesoloko bebethwa.
- Ukuba bebengavumelekanga ukuba bahlala ndaweninye nolu sapho.

IEB Copyright © 2024

- Ukuba abamelwane babesoyika ukubanceda aba bantwana kuba babesoyika uKhohlela.
- Ukuba uKhohlela ebebagrogrisa abantu abafuna ukunceda aba bantwana.
- Ukuba noNontlalo-ntle bakhe bazama kodwa bahambela kude emva kwezigrogriso ezazivela kuKhohlela.
- Ukuba uNobenani wayengoyena mntu wayebakhohlakalele aba bantwana, kuba yayinguye owayesoloko edala ingxabano namawele ze uKhohlela angenelele.

**Iziphumo zezenzo zenkohlakalo**

- Ukuba uSiyalo noSandile baya kuKhohlela beyocela ubulawu.
- Ukuba intombi abathi bayayifuna nguSilinda.
- Ukuba babekwenza oku ngenjongo zokusindisa amawele kwintlalo ababeyihleli.
- Ukuba uKhohlela waxabana noSiyalo noSandile wafuna ukubadubula.
- Ukuba uKhohlela wabanjwa kuba kwafumaniseka ukuba kwampu lowo awukho semthethweni.
- Ukuba ngeli xesha kusenzeka oku amawele nawo alahleka kanti yindlela yokumka kwawo kwaKhohlela.
- Ukuba amapolisa afuna amawele njengoko ayayengafumaneki apho ayekhona.
- Ukuba amapolisa athi azokumbopha uKhohlela amkhulule mhla kuvela amawele.
- Ukuba uNobenani yamphatha kakubi le nto waze wagula.

**UMBUZO 6**

Nazi iingongoma anganyathela/ezingavela kwisincoko somfundi.

**Indlela ababehleli ngayo kwaKhohlela**

- Ukuba babengaxatyiswanga.
- Ukuba babelala neenkukhu.
- Ukuba babesitya ukutya ababekuphekela izinja.
- Ukuba babengayi esikolweni.
- Ukuba babesetyenziswa nzima, besalusa iinkomo bengavumelekanga ukuhlala gumbini linye nosapho lwalapha.
- Ukuba babebethwa.
- Ukuba babengafunwa nangutata wabo.

**Indima edlalwe nguNowinile**

- Ukuba uNowinile wabonisa umdla kwaba bantwana eqala ukubabona.
- Ukuba uNowinile wabathoba amaxhala wabasula iinyembezi emva kokuphoxwa ngutata wabo.
- Ukuba wabomeleza esitsho ukuba naye ungumama wabo njengoko wayehleli nabo.
- Ukuba uNowinile wabathembisa ukuba uzakuhamba nabo aye kumama waseTsholomnqa.
- UNowinile wabathatha njengabantwana bakhe wabapha oko wayenako (iziqhamo ezo wayezithengisa).
- Ukuba uNowinile wabayalela ukuba badlale okanye bangqengqe kuloo ndawo wayethengisa kuyo.

IEB Copyright © 2024 

**Indima edlalwe nguMamThembu**

- Ukuba uMamThembu wathi akuva ingxelo ngoNowinile ngamawele, wawamkela, wawanika ikhaya ze yena uMamThembu wabangumama wabo.
- Ukuba uMamThembu wawazisa kwintombi yakhe uAsaphila.
- Ukuba uMamThembu wabathemba wabathanda ebulela nakanjalo ukufumana ithuba lokwazana nabantwana bendoda yakhe.
- UMamThembu wade wathuma uSilinda edolophini ukubonisa uthando nokukhululeka kwakhe ngobukho babo kwelo khaya.

**Indima edlalwe nguNkosikazi Jali**

- Ukuba uNkosikazi Jali wacela imvume kooNontlalo-ntle ukuba anikwe igunya lokuwajonga amawele njengabantwana bakhe.
- Ukuba wabanika impilo engcono kunaleyo bebeyiphila kwaNokhonza.
- Ukuba wabanika umsebenzi, wabafundisa ukusebenza ngekhemikhali, wabathengela iikhompyutha ukuze bakwazi ukwenza imisebenzi yesikolo.
- Ukuba wayebasa ngemoto kwindawo abadingeka kuzo.
- Ukuba wabacebisa, ekwabafundisa iindlela zokwenza izinto.
- Ukuba wabafundisa ukuba noxolo.
- Ukuba wabafundisa ukunceda apho kufanele ukuba bancede khona.

**Indlela obutshintshe ngayo ubomi babo emva koku**

- Ukuba bafunda baphumelela.
- Ukuba uSilinda waba ngumphathi wesitishi.
- Ukuba uSinekusasa wabangugqirha wamazinyo.
- Ukuba bancedisa umamThembu endlwini.
- Ukuba banceda uSiviwe ukuba afumane umsebenzi.
- Ukuba baxolela uKhohlela noNobenani kwinkohlakalo ababebanika yona.
- Ukuba bancedisa kumngcwabo kaKhohlela.
- Ukuba baxolela utata wabo owayengafuni nokubabona.

IEB Copyright © 2024

## ICANDELO A IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI

## UMBUZO 5 & 6

| AMANQAKU | UMHLATHI OTSHAYELELAYO | IMIHLATHI/ ISIQU NOCWANGCISO | UKUHLALUTYA/ UKUPHENDULA IMIBUZO | ULWIMI | UKWAKHIWA KWEZIVAKALISI (AMAGAMA, IZIPHUMLISI, UPELO) |
|---|---|---|---|---|---|
| **22–25 Ugqwesile** | Intshayelelo ibonisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko. Iingcamango zikwizinga eliphezulu kakhulu kwaye zivavanya iimbono ezithile ngesihloko esibekiweyo. | Izivakalisi zinxulumene nesihloko. Imihlathi icwangciswe ngendlela efanelekileyo. Kukho ulandelelwano. Oku kwenza ukuba umxholo wezivakalisi ucace. | Isincoko siphendula umbuzo, ingxaki. Iimpendulo zibonisa ubunyani ngesihloko. Izimvo zixhaswe ngokupheleleyo. Iimpendulo zicacile kwaye zicingiwe. | Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zisetyenziswe ngendlela efanelekileyo. Oku kwenza ukuba injongo yombhali iphuhle nomyalezo ucace. | Isincoko sinezivakalisi ezahlukileyo. Amagama, isakhiwo sezivakalisi (ubude) kugqwesile. Iziphumlisi, upelo magama zisetyenziswe kakuhle kakhulu. Isincoko sinika umdla kakhulu. |
| **17–21 Inomfaneleko** | Intshayelelo yazisa isihloko ngokubanzi. Kukho unxulululmano phakathi kwesihloko nentshayelelo. Iingcamango zisifanele isincoko kwaye zivavanya iimbono ezithile ngesihloko. | Izivakalisi zinxulumene nesihloko. Imihlathi ibekwe ngendlela efanelekileyo kodwa ifomathi inako ukusilela. | Isincoko siphendula umbuzo, ingxaki. Iimpendulo zibonisa ukuqondwa kwesihloko. Izimvo zibekiwe kwaye zixhasiwe hayi ngokupheleleyo. | Ithoni, isimbo nolwimi zisebenziseke kakuhle kumaxesha amaninzi. Ubhalo luyalandeleka. | Amagama nezivakalisi zisetyenziswe ngendlela echanekileyo nangona zikhona iimpazamo apha naphaya. Isincoko siyafundeka. |
| **10–16 Iyanelisa** | Intshayelelo ikhona kodwa ayicacisi ngokwaneleyo umxholo. Iingcamango ziyanelisa. | Izivakalisi azinxulumananga nomxholo. Imihlathi ayakhekanga ngendlela efanelekileyo. | Isincoko siyawuphendula umbuzo kwezinye indawo. Izimvo azixhaswanga ngokufanelekileyo. | Kukho iimpazamo ezincinci zolwimi. Ithoni inako ukungaqondakali. Isincoko siyakwazi ukulandeleka. | Amagama nezivakalisi zisetyenziswe ngokwanelisayo. Iimpazamo kupelo nendlela ezisetyenziswe ngayo iziphumlisi ziyasilela. |
| **5–9 Kuzamekile** | Intshayelelo yesincoko ikwizinga eliphantsi. Akhonto iyithethayo ngesincoko. Umfundi uthetha apha naphaya. | Isincoko sinako ukubhida. Alukho unxulumano. Izimvo zibekwe zonke ngaxesha-nye. Umfundi uxoxa ngomxholo omnye. Imihlathi ayixhasi isihloko. | Uyazama ukuphendula umbuzo kodwa akacacisi kwaye akazixhasi. Ushiya kulengalenga. Amanqaku amaninzi awahambelani neemfanelo zesihloko. | Ulwimi, isimo nethoni zikwizinga eliphantsi. Alukho ulandelelwano. Kusetyenziswe ulwimi olungafenelekanga nolungayiphumeziyo injongo yobhalo. | Izivakalisi azisetyenziswanga ngendlela echanekileyo. Upelo, iziphumlisi azisetyenziswanga kakuhle. Loo nto yenza ukuba isincoko singafundeki kwaye singaniki mdla. |
| **0–4 Buthathaka** | Umfundi akakwazanga ukuphumeza iimfanelo zesincoko. | Umfundi akakwazanga ukuphumeza iimfanelo zesincoko. | Umfundi akakwazanga ukuphumeza iimfanelo zesincoko. | Umfundi akakwazanga ukuphumeza iimfanelo zesincoko. | Umfundi akakwazanga ukuphumeza iimfanelo zesincoko. |

## ICANDELO B IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIDE

## UMBUZO 7 – 10

| ISIQULATHO | Balaseleyo Khowudi 7 100–80% | Mfaneleko Khowudi 6 79–70% | Enomthamo Khowudi 5 69–60% | Anele Khowudi 4 59–50% | Phakathi Khowudi 3 49–40% | Buthakathaka Khowudi 2 39–30% | Bubhetyebhetye Khowudi 1 29–0% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **14–13** | **12–10** | **9–8** | **7–6** | **5–4** | **3–2** | **1–0** |
| **UMONGO, UYILO NEFOMATHI (14 AMANQAKU)** | Umxholo nocwangciso zibonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. Iingcamango zivuthiwe. | Umxholo nocwangciso zibonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Izimvo zibhadlile zenza kwaphuma ileta ekwizinga eliphakamileyo. | Umxholo nocwangciso kubonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Ileta inomfaneleko. Izimvo zenze isihloko saphumelela. | Umxholo isicwangciso izimvo konke kuyanelisa. Iingcamango ziqhelekile kwaye ziyasilela ngobunzulu. | Umxholo, ucwangciso nezimvo kuzamekile noxa nje kusekho izikroba kunamathelwano. Iingcamango uninzi lwazo zinxulumene. | Umxholo, izimvo nothungelwano azibekelwanga kakuhle. Iingcamango zinqongophele. Kusoloko kuphindwaphindwa into enye. | Umxholo, uthungelwano lwezimvo kuyingxaki enkulu. Isihloko asikho mxholweni. Kwaye alukho unamathelwano. Iingcamango azibonisi ngqiqo kwaye zihambela kude nesihloko. |
| | **6** | **5** | **4** | **3** | **2** | **1** | **0** |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (6 AMANQAKU)** | Ulwimi, iziphumlisi uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ulwimi lusulungekile kwaye lusetyenziswe ngempumelelo enkulu nangoku-fanelekileyo. Ubuchule kwisakhono solwakhiwo kwezivakalisi imihlathi kugqwesile. | Ulwimi, iziphumlisi nochongomagama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ulwimi lusulungekile kwaye lusetyenziswe ngokuchanekileyo. Ubuchule kwisakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi izimvo nobude kuphakamile kakhulu. | Ulwimi, iziphumlisi nochongo-magama nobungqina bohlelo konke zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxesha amaninzi. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi imihlathi, izimvo nobude kukwizinga eliphakathi. Ubukhulu beleta abunazimposiso. | Ulwimi, iziphumlisi nochongo-magama nobungqina bohlelo, kulula. Ileta ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo. Ileta inazo iimposiso. | Ulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, ubungqina bohlelo konke kuphakathi. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zizamekile ukuphuhla nangona ileta inazo iziphoso. | Ulwimi, iziphumlisi uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kuyahexa. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga ncam. Ileta ineziphoso ezininzi. | Ulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobunzima kohlelo konke kunzima kakhulu. Ulwimi lusetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi nezimvo aziphuhlanga kwaphela. Ileta idlakadlaka ziimposiso. |

IEB Copyright © 2024

| ISIQULATHO | AMANQAKU |
|---|---|
| A: Umongo, uyilo, nefomathi<br>B: Ulwimi, isimbo, nokuhlela | 14<br>6 |
| **AMANQAKU EWONKE** | **20** |

## IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHANA EMIFUTSHANE (10)

## UMBUZO 11 & 12

| ISIQULATHO | Balaseleyo Khowudi 7 100–80% | Mfaneleko Khowudi 6 79–70% | Enomthamo Khowudi 5 69–60% | Anele Khowudi 4 59–50% | Phakathi Khowudi 3 49–40% | Buthathaka Khowudi 2 39–30% | Bhetye-bhetye Khowudi 1 29–0% |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **6** | **5** | **4** | **3** | **2** | **1** | **0** |
| **UMONGO, UYILO NEFOMATHI (6 AMANQAKU)** | Umxholo nocwangciso bubonakalisa ingqiqo nolwazi OLUNZULU ngesihloko. Isincoko sigqibelele kwaye asinamakhwiniba. | Umxholo nocwangciso zibonakalisa ukuchaneka kokutolikwa kwesihloko. Iingcamango zihlakaniphile kwaye zinika umdla. | Umxholo ubonisa ukusiqonda isihloko. Isicwangciso senze kwaphuma isincoko esilunge kakhulu. | Umxholo, izimvo, isicwangciso konke kwenze kwaphuma isihloko esinomfaneleko nesamkelekileyo. | Umxholo, isicwangciso nezimvo konke kwenze kwaphuma isincoko esiphakathi nesinamatheleneyo. Kuzamekile noxa kusekho izikroba. | Umxholo, izimvo nothungelwano kwenze kwaphuma isincoko esingabe-kelelwanga kakuhle. Isicwangciso sintama ukungabikho kwenkathalo. | Umxholo, uthungelwano lwezimvo kuyingxaki enkulu. Isicwangciso asibonisi ngqiqo kwaye sixazalala. |
| | **4** | **3½** | **3** | **2½** | **2** | **1** | **0** |
| **ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA (4 AMANQAKU)** | Ulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kugqwesile. Ubuchule nesakhono kulwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude kugqwesile. | Ulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kukwizinga eliphakamileyo. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zikwizinga eliphakamileyo. | Ulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama nobungqina bohlelo konke kuphakathi. Ulwimi luqhelekile. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude zonke zikwizinga eliphakathi. | Ulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke kuyanelisa. Ubuchule nesakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo, nobude kuyanelisa. | Ulwimi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke kusetyenziswe ngokungachane-kanga. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude ziyahexa ziimposiso. | Ulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke kusenzinyana. Ulwimi lusetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga ncam. | Ulwimi, iziphumlisi, uchongo-magama, nobungqina bohlelo konke akuphunyezwanga. Isakhono solwakhiwo lwezivakalisi, imihlathi, izimvo nobude aziphuhlanga kwaphela. Itekisi idlakadlaka ziimposiso. |

IEB Copyright © 2024 

